Project Hannah
Ubulungiseleli be TWR

**EyeSilimela - UJune 2016**

Sihlobo Esithandazayo,

Ibeyinkuthazo enkulu kum kule veki ukwazi ukuba xa sikhathazekile umoya wethu ungafumana ukuphumla kuThixo njengokuba ithemba lethu likuye (Iindumiso 62:5).

Singanikela konke ukoyika sifumane inkuthazo kwinyaniso yeZwi ethi akukho okungenzekiyo kuThixo. (ku Luka 1:37). Xa sihlangana sisonke sizokuthandaza, amazwi ethu afikelela entliziyweni kaThixo kwaye sifumana inkuthalo yokujongana ngqo ubuso ngobuso neenzima, nempikiswano neenzima.

Ekuthandazeni, iimpilo ziyachukumiseka ziphile. Nabu ubungqina buvela eMozabique:

*"Xa ndiqalise ndathandaza, bendicinga ukuba andigqobhozeli de uphele naloo mthandazo, kodwa uThixo ebebalapho nam kunjalo. Umthandazo wam kukubona usapho lwam luseluxolweni. Xa bendithandaza, intombi yam ibuyele ekhaya yazokucela uxolo kutata wayo ngezinto amenze zona ezibenze babenomsantsa. Ngalo ndlela ndiwabonile amandla omthandazo."*

*"Akho namnye onamandla kaThixo, kodwa xa sithe sathandaza, uThixo wenza imimangaliso ngayo imithandazo yethu."*

Sisahlangene hlabathi jikelele sithandazela odade bethu eAngola nase Mozambique, masikhumbule indlela ku Samuel wokuqala isahluko sokuqala, uThixo awawuva ngayo umthandazo kaHannah. UHannah wayetyhafile, ephoxekile enqwena nzulu ukuba nomntwana. "Koko kunxakama kwakhe u Hannah wathandaza eNKOSINI, elila kbuhlungu" (ku Samuel Wokuqala 1:10).

Masikhumbule ukuba akukhathaliseki noba siphoxeka sityhafe kangakanani, UThixo ukufutshane kakhulu uyayiva imithandazo yethu. Ukuthandaza imihla ngemihla namawaka ngamawaka abnye hlabathi jikelele kuzisa umanyano namandla kumzimba kaKrestu.

Enkosi ngokuzingisa uphikelele uphakamisa izwi lakho uthandaze. Kholwa namhlanje ukuba uThixo uwuvile umthandazo wakho kwaye uyaphendula ngendlela ephelelisiweyo nangexesha elililo.

*"Esi yingqiniseko esinayo xa sithe seza kuThixo: ukuba xa sithe sacela nantoni na ngokwentando yakhe, uyasiva. Kwaye ukuba siyayazi ukuthi uyasiva – nantoni na esiyicelayo – siyazi ukuba siyifumene leyo nto simcele yona"* (1 John 5:14).

Sikuye iintliziyo zethu ziyagcoba,

Peggy Banks
Global Ministry Director
Project Hannah

**Ubungqina base Mozambique:**

Xa umthemba uThixo, uyakusebenzisa njengesandla sakhe. Umtshato wam ubusemsingeni, kodwa ndaqala ndathandaza ukuze iNkosi ithathe indawo entliziyweni yomyeni wam. Ndiyazi ukuba kuthathe ixesha elide ukuba kwenzeke okokodwa kudingeke ukuba ndithambise intliziyo yam kuqala. Ingcebiso kodade wethu kukuba xa sinee ngxaki masibe nomonde kulapho uThixo asiphendulayo khona.

Mandicacise ngokwenzeka empilweni yam, bodade. Ndingowesithathu ebantwaneni basekhaya. Ndithe ndakufikelela ebufazini, utata wam wandenza ukuba manditshate indoda ibiligqirha lakhe. Bendingumfazi wesine kule ndoda ndixelelwa mandingayi ecaweni. Ndinabantwana abahlanu kulo mtshato, kwaye ndinqwenela ukubabona ndibemkisile kule ntsokolo. Ngamanye amaxesha ndiziba bucal ngomthandazo, ngoba, ndabhaqwa nje ndithandaza iyandinkala indoda le ngenduku. Kwenzekile ngelinye ilanga, inkulu yam yanomhlobo ohamba icawe. Lo mhlobo weza kwikhaya lethu wacela umyeni wam ukuvumela umntwana lo ukuba aye naye ecaweni kwinkonzo yabatsha. Intsuku zabambini ndilila luvalo ngathi unyana wam uyakohlwaywa qatha ngale nto. Kodwa kunjalo umyeni wam wandicela njengomama ukuba ndikhaphele unyana ukuya kule cawa ngeecawa zonke ukuze ndinonophele ihambo yomntwana. Ndiye ndacinga ukuba oku andikukholwa ncam ukuthi kuyenzeka, kodwa wavuma, kwaye kwenzeka into ekukudala ndiynqwenela. UThixo uyaphila nguThixo ophilayo. Ngoku ndingatsho ndithi ndingumlandeli kaKrestu, kwaye ndingenelele iqela labathandazi lika Project Hannah. Nceda thandaza nam ngelinye ilanga lonke usapho lwam lilandele uKrestu.

Xa ndanditshata, ndandingazi ukuthi le ndoda isebenzisa iziyobisi. Ebezenzisa ngathi ulandela uKrestu. Emva kwexesha elithile waqala ukundihlukumeza – de sahlukana ngokokuhlala. Ndasokola ke ngoku ngaphezulu. Kusenjalo ndeva ngenkqubo i *Women of Hope* kunomathotholo. Emva komnyaka ndiyimamela, ndabatsalela umnxeba, ukuze nam ndibe kolusapho lwabo. Kunyaka ophelileyo ndihlangene nabanye abafazi nabo abebenikela iingxaki neenzima zabo kuThixo. Bekunzima kakhulu ukuvula isifuba sam kubo, kodwa ngelinye ilanga ndeva kungathi ndiyafa ngenxa yendlala ekhona ekhaya. Ngoku ndisisdalwa esitsha ngoko ndinethemba ukuba uThixo uyandithwalela umthwalo wam. Ngoku ndiyasebenza, ndenza ukuba ngumqoqoshi wekhaya, ndikhathalela nosana lwelo khaya. UThixo uyayazi impilo yam kwaye unenjongo ngayo.

**Ubungqina base Angola:**

Umfazi obehlukunyezwa iminyaka elishumi linesihlanu, enyanya ngabantu ngoba bamthatha njengedlolo, wangenelela eliqela labathandazi u Project Hannah ngo 2013. Nangokuphulaphula ezi nkqubo, ezila ukutya, ethandaza, ekuhuphelela nakwabanye iZwi leNkosi, uThixo wakuphendula ukukhunga kwakhe kwaye waphila baphela ababesithi bubudlolo. Wamitha ngoku unomntwana onenyanga ezimbini ubudala.

Sibulela kuThixo! Bendikhuphelela kwabanye abathandazi ngoku ebandleni endikulo ngokugula okuhlasele unyana wam iinyanga ezisixhenxe. Ebephalaza yonke into ayityileyo nayiseleyo. Ngeemfefe zikaThixo neenceba zakhe uphilile ngoku wamkele noYesu njenge Nkosi.

Umhlanganisi we Project Hannah eAngola utyelele iziko i El Bethel, ehlalisa intsha engamashumi mahlanu nabo abantwana ababuya kulala emigaqweni. Kule nyanga izayo amanenekazi ka Project Hannah atyelela eli ziko ukugalela ukutya nokubamba umhlangano nabo.